# ISALATHISO

Mfundi obekekileyo .......... iv

Isebenza njani le ncwadi? .......... v

Intshayelelo .......... vii

Isinikezelo .......... viii

Inoveli .......... 1-50

Isahluko 1 .......... 1

Isahluko 2 .......... 6

Isahluko 3 .......... 10

Isahluko 4 .......... 15

Isahluko 5 .......... 22

Isahluko 6 .......... 26

Isahluko 7 .......... 32

Isahluko 8 .......... 36

Isahluko 9 .......... 43

Izixhobo zenoveli .......... 51-55

- Isakhiwo sebali
- Abalinganiswa nokubunjwa kwabo
- Isimo sentlalo
- UNobalisa/ uMbalisi
- Umxholo
- Isimbo sokubhala
- Ukusetyenziswa kolwimi

Imibuzo .......... 56-63

Iinkcazelo zamagama .......... 64

*Kuwe Zazi ndiyabulela,*
*Ubuhlobo bakho kum*
*Bundenze umntu ebantwini*
*Maz' enethole ntomb' entle!*

Uthe esitsho zabe sezifuna ukuhla kancinci inyembezi kucaca ukuba kubuya iinkumbulo zemihla awayefika ngayo esikolweni, ecalulwa luninzi lwababafundi; yaba nguZazi yedwa owaba secaleni lakhe. Baye bamana ukuphakama ngabanye ukuya kuLili bafika bamwola kuba wayesele elila ngenene ngoku. Kwade kwaphakama noSicelo ngenkqu[42].

"Ndicela uxolo mna Lilitha ngeento zonke ezingalunganga endazithetha kuwe. Mna ndancedwa kukufika kukatata uMafu phaya esikolweni. Ndiyathembisa andisoze ndiphinde ndithethe nto ingalunganga kuwe," watsho emanyonywana[43] uSicelo elixa engqunga naye uZukile kwesakhe isihlalo.

Abalinganiswa ebebeyingxaki ebalini bayazohlwaya ngoku kwesi sigaba sebali.

Ude wazincama naye wathetha wenjenje, "Nam kudala ndicela uxolo kuwe Lilitha. Okwesibini, ndicela ukubulela kuZazi kuba ukuba wayengazange axelele utata wakhe ukuba kukho umntu ambone ngaphaya kwetyholo, andazi ukuba ngekwakwenzeke ntoni kum ngobuya busuku."

"Obuphi ubusuku ngoku?" kubuza u-Asanda ethe gqa amehlo kuba ke eneneni kwakungekho mntu wayesazi nto ngokuhlaselwa kukaZukile. Kodwa namhlanje waziva enesibindi sokuyichaza into eyamehlelayo. Uyichaze njengoko siyazi ke baza kothuka abo babebaliselwa.


Emva kwethuba uvakele uLili esithi, "Siyokuqubha ke ngoku thina. Asazi kwabangaziphathanga izinto zabo zokuqubha," utsho sele engene waphelela kwisuti yakhe yokuqubha. Kanti noThando kwakunye noNolitha nabo babesele bengenile kwezabo iisuti zokuqubha.

"Masiyeni kweliya dama lingaphaya bethuna, okanye sakutshona apha," kutsho uMbali ekhokela abanye elandelwa nguZazi naye ezithe wambu ngalaa tawuli asandula kuyiphiwa ngomnye woogxa bakhe, waza wazithi gubungu

---

42 **Uqobo lwakhe, ngokunokwakhe**
43 **Elusizana**

ngalo mnqwazi wakhe obukwasisipho.
“Owu! Zazi mntwan’am awuseyombulu!” kutsho uPhozisa emhleka. “Sowuzinxiba kwangoku na ntombi yam?”
“Ewe, tyhini mama ndiza kulinda bani?” baye behla ke bengxamile besiya kungena edamini lokuqubha.



Abazali bakaZazi bona babehleli phantsi kwemithi beziphumlele emva kwemini ende belungiselela aba bantwana.
“Tata! Tata! Yizani! USicelo utyibilike wawela kweliya dama linzulu!” Bothuswe lelo lizwi lihlabayo likaZazi ekhwaza sele engathi unazo neendawo ezigxwalayo. Uphakame apho engathi akababambi kakuhle apha entloko uSakhile.
“Hi? Uthini ngoku Zazi? Phi? Kweliphi icala?”
“Ngapha tata kweliya dama linzulu. Andimazi ukuba ebesenza ntoni kodwa ngoku akabonakali.”

Noxa sesingxange kumazibuko esiphelo nje, kodwa gquphu isothuso esitsho wonke umntu wanxunguphala. Apha ibali linge libuyisela laa meko ibikhe yakho ngaphambili, imeko yokunxunguphala.